URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Moya Combrink**
ICandelo loLawulo loVavanyo
Moya.Combrink@westerncape.gov.za | 021 467 2626

Inombolo yefayili.: 20/3/P
Isalathiso: 20240820-6105

INgcaciso eMfutshane yoLawulo loVavanyo: 0015/2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zokuNika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo nokuPhathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zamaziko emfundo alungiselela abaviwa iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke nezeSatifikethi seMatriki

**Isihloko: Iimviwo ze-*NSC* neze-*SC* zango-2024/25 – Uqeqesho olunyanzelekileyo lwazo zonke iinqununu/abaphathi bamaziko okubhalela iimviwo, abagadi babaviwa abaziintloko, abagadi babaviwa abaneqhuzu, abagadi babaviwa, ababeki-liso abakumaziko nabajikeleza phakathi kwamaziko (*resident and roving monitors*) kunye namagosa ezithili; abathatha inxaxheba ekuqhutyweni, ekulawulweni nasekuphathweni kweemviwo**

1. IMimiselo i-*Regulations Pertaining to the Conduct, Administration and Management of the National Senior Certificate examination,* eyapapashwa kwiGazethi kaRhulumente No 31337 yange-29 Agasti 2008*,* njengoko ifakelwe izilungiso nge-30 Apreli 2019*,* ifuna ukuba amasebe emfundo amaphondo makaqinisekise ukuba **zonke iinqununu/abaphathi bamaziko okubhalela iimviwo, abagadi babaviwa abaziintloko, abagadi babaviwa abaneqhuzu, abagadi babaviwa, ababeki-liso namagosa ezithili**, bakuqeqeshelwe ngokufanelekileyo ukuqhuba iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*National Senior Certificate*) (*NSC*)) nezeSatifikethi seMatriki (*Senior Certificate*) (*SC*)).

2. Qho ngonyaka iSebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe i-*WCED*) linenjongo yokulawula iimviwo ezithembekileyo nokuphumeza iiprogram zokukhusela ukuthembeka kweemviwo zikazwelonke. Nasiphi na isitenxo sinokuchaphazela ngokungalunganga ukuthembeka kweemviwo yaye ke ngoko **kunyanzelekile ukubakho kwiiseshoni zoqeqesho kwabathathi-nxaxheba abachaziweyo.**

3. Uqeqesho belunyanzelekile ukususela ngo-2014, kodwa kuye kwaqatshelwa izenzo eziliqela zolwaphulo-mthetho kulawulo, nezokuziphatha ngendlela engeyiyo nezokunganyaniseki kwiimviwo nekuye kwenziwa ingxelo ngazo kwiminyaka eliqela kwiimviwo ze-*NSC* nango-2023 ngokunjalo. Ngako oko makugxininiswe kwindima yomgadi wabaviwa qho ngonyaka yaye zonke iinkqubo ezimalunga nezolawulo maziqondwe yaye ziphunyezwe ngokuchanekileyo kuzo zonke izikolo/amaziko eemviwo kwiphondo ngokubanzi ngendlela efanayo ngalo lonke ithuba lokuqhutywa kweemviwo.

4. Ezi seshoni zoqeqesho zilandelayo ziya kuqhutywa yaye iseshoni nganye iya kugxininisa kumba owahlukileyo.

| | |
|---|---|
| **28 Agasti 2024:** | Izithili zasemaphandleni – Uqeqesho oluqhutywa kusetyenziswa ikhompyutha i-*Online Microsoft (MS) Teams training,* lwazo zonke iinqununu/abaphathi bamaziko eemviwo njengabaphathi bendawo ezigcina imathiriyeli yeemviwo (*storage managers*). |
| **29 Agasti 2024:** | Izithili zasedolophini – Uqeqesho oluqhutywa kusetyenziswa ikhompyutha i-*Online Microsoft* (*MS*) *Teams training*, lwazo zonke iinqununu/abaphathi bamaziko eemviwo njengabaphathi bendawo ezigcina imathiriyeli yeemviwo (*storage managers*). |
| **10 Septemba 2024:** | Uqeqesho lwamagosa ekhona ubuqu ukwenzela izikolo ezitsha/amaziko amatsha/aqalayo nezikolo/namaziko asemngciphekweni omkhulu eziqatshelwe zizithili. |
| **11 Septemba 2024:** | Uqeqesho ekhona ubuqu onke amalungu eeKomiti zoLawulo zeZikolo nabagadi babaviwa abakwizikolo ezizimeleyo. |
| **03 Oktobha 2024:** | Uqeqesho lwabo bonke abaququzeleli beemvavanyo bekho ubuqu nolungemathiriyeli ekumgangatho ofanayo yoqeqesho lwabagadi babaviwa abangabahlali bezikolo ezisebenzisanayo kwizithili. |
| **07/08 Oktobha 2024:** | Uqeqesho oluqhutywa kusetyenziswa ikhompyutha i-*Online MS Teams training* ukwenzela zosibhozo izithili, kuqukwa abagadi babaviwa abangootitshala nababeki-liso (makufundwe isiHlomelo A ukufumana ishedyuli). |
| **09–15 Oktobha 2024:** | Uqeqesho lwamalungu angababagadi babaviwa abangabahlali bezikolo ezisebenzisanayo olwenziwa kwizithili. |

5. Aba bameli (*delegates)* balandelayo bachaphazelekayo ekuqhutyweni, ekulawulweni nasekuphathweni kweemviwo ze-*NSC* neze-*SC* zango-2024/25 mababekho kwiiseshoni zoqeqesho ii-*online MS Teams training sessions* ngowe-07/08 Oktobha 2024 (makufundwe isiHlomelo A):

- Iinqununu/abaphathi bamaziko eemviwo (abagadi babaviwa abaziintloko)
- Amalungu amabini e-*SMT*
- Bonke abagadi babaviwa abaneqhuzu
- Ootitshala abaya kusetyenziswa njengabagadi babaviwa (kuthathelwa ingqalelo ukuba iphondo liya kuyiphumeza inkqubo yomlinganiselo wenani wabagadi babaviwa ongu-50/50 phakathi kukatitshala nomhlali)
- Amagosa ezithili athatha inxaxheba ekuqhutyweni, ekulawulweni nasekuphathweni kweemviwo ze-*NSC*/zeSC ngo-2024/25.
- Ababeki-liso bakwaNdlunkulu nababeki-liso abaqeshwe liSebe i-*WCED*.

6. UNdlunkulu uya kuthumela ilinki eyi-*date specific online link* kwangexesha kuzo zonke ii-ofisi zezithili ukwenzela ukuba ihanjiswe kuzo zonke izikolo/kuwo onke amaziko eemviwo nakubabeki-liso bezithili. Abaququzeleli bovavanyo nabacebisi ngeemviwo mabaqinisekise ukuba zonke izikolo/onke amaziko eemviwo ayayifumana le linki yaye baqinisekise nokuba bonke abathathi-nxaxheba abachaziweyo babakhona kwiiseshoni zoqeqesho ii-*online MS Teams training sessions*.

7. Ishedyuli ebonisa imihla namaxesha oqeqesho ngesekethe nganye nangesithili ngasinye iqhotyoshelweyo **njengesiHlomelo A**.

8. Zonke iinqununu/bonke abaphathi bamaziko eemviwo mabazalise ifom **eliphepha yokuchaza ukubakho kuqeqesho eyi-*declaration of attendance form*** (eqhotyeshelwe **njengesiHlomelo B**) yaye maziyingenise kwaNdlunkulu emva kokubakho kwiseshoni yoqeqesho i-*MS Teams training session.* Ingcaciso eqokelelwe **kwisiHlomelo B**, iya kusetyenziselwa **iinjongo zokuhlola ukuchaneka kweenkcukacha.**

9. Ifom eliphepha ezalisiweyo eyi-*declaration of attendance form* mayiskenwe ize ithunyelwe kuMququzeleli woVavanyo neeMviwo wesithili **kunye** nakula magosa akwaNdlunkulu alandelayo:

| Isithili sesebe lemfundo | Igosa lakwaNdlunkulu |
|---|---|
| *Cape Winelands*<br>*Eden and Central Karoo*<br>*Metro North*<br>*West Coast* | Nasreen.Valentyn@westerncape.gov.za |
| *Metro Central*<br>*Metro East*<br>*Metro South*<br>*Overberg* | Nicole.Gezwint@westerncape.gov.za |

10. Ifom ekwikhompyutha eyi-***<u>online</u>* *declaration of attendance form*** mayizaliswe **nayo** emva kokubakhona kwiseshoni yoqeqesho. Ingcaciso eqokelelwe kwifom ekwikhompyutha (*online form*), iya kusetyenziselwa ukukhutshwa kwezatifikethi **zokubakho kwiseshoni yoqeqesho**. Makusetyenziswe le linki ilandelayo: https://forms.office.com/r/cFZni651xB

11. Abaququzeleli bovavanyo baya kunikwa yonke imathiriyeli yoqeqesho, **emayisetyenziselwe uqeqesho lwezikolo ezisebenzisanayo olucwangcisiweyo** lwabo bonke abagadi babaviwa abangabahlali. Oku kuya kuqinisekisa ukuba iya kuba kumgangatho ofanayo ingcaciso ekwabelwana ngayo.

12. Ngokumalunga neeseshoni zoqeqesho zabagadi babaviwa bezikolo ezisebenzisanayo olucwangcisiweyo, kunyanzelekile ukuba amagosa ezithili agcine iirejista zokubakho njengobungqina nokuba zonke iifom ezizalisiweyo ii-*declaration of attendance forms (isiHlomelo B*), zingeniswa kwaNdlunkulu.

13. Ukuzinikela nentsebenziswano yenu ekulawulweni kweemviwo ezithembekileyo kuya kuthakazelelwa kakhulu.

14. Kucelwa wazise ngokuqulethwe yile setyhula kubo bonke abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-BJ LORISTON
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO**
**UMHLA:** 2024-08-20